**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli noNcwadi lweMveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli okanye kuncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   Phendula UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

Imibuzo ezizincoko zoncwadi yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali- 190–240.
Imibuzo ezizincoko zoncwadi iNoveli, uNcwadi lweMveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela kwimibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO SEPHEPHA LOVIWO:

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Aphi na amadoda!' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Afrika likhaya' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'Umlambo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Imbongi yeSizwe' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |

**KUNYE**

**Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5. 'Inyaniso' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 10. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 12. *Amaza* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 20 |
| 13. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |
| 14. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 25 |
| 15. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 25 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko zoncwadi okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| **ICANDELO** | **AMANANI EMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO** | **TIKISHA NGASEZANTSI** |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | **KUNYE** | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli noNcwadi lweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–11 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 12–15 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE*** **– A Stemela: Umhleli**

## IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide buli-190–240 amagama.

## IMIBONGO EFUNDISIWEYO

## UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SOMBONGO)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuhlalutya indlela ezisetyenziswe ngayo izafobe ukuphuhlisa umxholo.

**APHI NA AMADODA! – M Mbutuma**

Ivelil' inyok' enkulu
Egqib' umzi wonk' uphela,
Nants' ithe ga ngogaga
Kwizigingqi zomzi kaNdaba;
Hay' ukuswel' amandla
Ngendikhe ndiyijijise.

Hay' ukuswel' izixhobo
Ngendikhe ndiyibonise.
Xa kunje se ikokwenu;
Thambodala, sondelani!
Woz' utshabalal' umzi
Kulityelwe lutyhwatyho.

Zemk' inkomo, magwala,
Nt' ezifungel' efileyo,
Nt' ezijong' owaz' umqala,
Zilibal' iintsana zazo,
Amagwal' anezishwabulo
Zeminyanya engookhokho.

Nohlala nibekw' ityheneba
Nazizizukulwana ezizayo.
Yibulalen'inyoka, madoda,
Yod' iwafukam' amaqanda-
Kant' ayaziwa konke-konke
Ukuthi yoqandusela silo sini na.

Nants' isiz' ivuy' emzini!
Iqondil' aninto yanto.
Nants' isiz' ibhuku-bhukuleka!
Zidenge, vuyisanani nayo!
Nantsi ingen' isahlula-hlula!
Aya phi n' amadoda kulo mzi?

Nants' ikhoth' izilumko-
Az' asimakhoth' exathula na?
Nants' izam' ukusiza-
Az' asiyontsiza-mbulali na?
Nants' ivuyis'abantu-
Az' asimavuyis' esiwisa na?
................................................

**[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AFRIKA LIKHAYA – W Shasha**

Kowu aphin'amadodana!
Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi!
Intombi kabawo bayenzakalisile,
Izidlwengu zezidlamlilo.
Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo,
Ngcango festile ziyalenga-lenga,
Sebekruthakruthe batyhoboza!
Rhuthu intong'am ndaphakamisa,
Yangen'imbumbulu bandosela.
Beza nomfundisi wathandaza,
Hlas'umkhont'am ndabibitheka:
Ndonda ngecabanga balambisa,
Yangen' imbumbulu bandosela.

Kunamhlanje nje ndondl' umgqakhwe;
Ndinkamankameka ndirhubuluza.
Eyesondlo ndoyibamba ndiyokuwa!
Kowu, aphin' amadodana?
Baphi-i n' abantwana bomthonyama?
Ntlambo zakowethu zintle,

20 Ziphinya-phinyela njengeNciba
21 Kuz' incegceya phezu kweendonga,
22 Nemingcunub' iyayokozela!
23 Mihle imilambo, zintle iintaba.
...................................................

| | | |
|---|---|---|
| 2.1 | Sisetyenziselwe ntoni isikhuzo kumqolo woku-1? | (1) |
| 2.2 | Mfanekiso - ngqondweni mni otyhilwa yimbongi kumqolo wesi-7? | (1) |
| 2.3 | Luphuhlisa ntoni uphindaphindo olukumqolo we-9 nowe-13? | (1) |
| 2.4 | Cacisa intsingiselo efihlakeleyo yegama 'umgqakhwe'ngokwalo mbongo. | (1) |
| 2.5 | Chaza injongo yokushiywa kwesikhamiso kumqolo we-14 nowe-17. | (2) |
| 2.6 | Uvakala unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 2.7 | Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? | (2)<br>**[10]** |

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMLAMBO – N Thuthani**

1 Ngumnyobo ozolileyo ohamb' utyhutyh' amathafa,
2 Isilo esizondlalileyo ukukhwez' imimango,
3 Amajikojiko uhamb' ubhijela endleleni yakho,
4 Yintlwath' ebhijel' ixhoba ukujikel' amagophe,
5 Waphel' umhlambi yinyok' ebimbilizayo.

6 Sisilo esitshayel' amabibi ukugutyula sisihlisa,
7 Wakugquma ungagqib' uthi sisilo esikhulu,
8 Likhaya lezilo nabomlambo balapho,
9 Kumaw' amakhulu uhamb' uhamb' ubamb' iintlombe njengegqirha,
10 Wombelele kamnandi ube zingxangxasi utsawula usihlisa.
..........................................................................................

11 Silondini nakuben' uluncedo nje,
12 Ngemv' ushiy' izikhalo, nezingqala.
13 Ushiy' imbubhane, ushiy' abahlolo nabahlolokazi,
14 Mdali weenkedama namahasi, mahlukanisi wabathandanayo.

15 Yakun' imvula igxagxaza, iyakombelela, ikuhlupheza,
16 Utsho nawe uqiniseke kwidabi lakho lezigalo, uhlasele,
17 Phofu nawe uzithethelele uthi basendleleni yakho,

Unje ngololiwe ecumz' ixhoba endleleni yakhe.
Akuqali nto, bayakuzela bakuxhokoshe,
Wakuphindisa utsho kungamil' ingca kube mdak' iisali.
..........................................................................

Eluhambeni lokugoduka uz' ufike ulizulu.
Wakuba mdaka ulwandle luyakukuchila,
Int' emdaka ayifunwa lulwandle,
Hamba sigebengandini uyokutshonela,
Wakusithela sakuhlala sikukhumbula.
Ntaka ndini ulizulu.

| | | |
|---|---|---|
| 3.1 | Nika injongo yokushiywa kwezikhamiso kwisitanza soku-1. | (1) |
| 3.2 | Xela isafobe esisetyenziswe ngumbhali kumqolo wesi-4. | (1) |
| 3.3 | Chonga umqolo obonisa imfanozandi kwisitanza sesi-2. | (1) |
| 3.4 | Yeyiphi ingongoma ephambili equlathwe sisitanza sesi-3? | (1) |
| 3.5 | Thelekisa isitanza sesi-4 nesesi-5 ngokwesakhiwo. | (2) |
| 3.6 | Tolika umqolo wama-21. | (2) |
| 3.7 | Mfundiso ni edluliswa yimbongi kulo mbongo? | (2) |
| | | **[10]** |

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IMBONGI YESIZWE, uSEK Mqhayi – JJR Jolobe**

Anivanga na ukuba ihambile iMbongi yeSizwe?
Anazi na imke ngenqwel' egoqoz' emafini?
Kunamhla seyimana isalatha inqwal' iwisa,
Ithe wambu umnweba wemisebenzi encamisa,
Iphethe intshuntshe nomnqayi wokholo.
Umthiyi- magama akasele emthe jize na
Ngesibuliso sozuko uMesiyasi edumisa?
Ufudukile umphakathi enxuweni elidala.
Umkhonzi weenkosi akakhonzi eBhotwe na namhla?

Imkile intw' enkulu yasemaZimeni,
Usomfekethwana noBy George kwaMelani,
Uwela uMlambo kant' uza neTyala lamawele,
Unxanel' imfundo wasel' emthonjen' eLovedale,
Untonga yaqingqwa ngumCirha kwaGompo,
Uqegu linamandla lathwal'iinzima zakwaNdlambe,

Usiba lunomda kwiZwi laBantu kwaneMvo,
Untetho yatsala oBhene noNgqatyana
Ugxanyaza wadlul' eDikeni wee xha eMncotsho.
Ngumzila ubonwa kuBazili beNene,
Usikhundla sikoZikhumbuzo zoNtsikana,
Usakhono siselusibeni ngeencwadi,
Ugama lifukanyw' ezintliziyweni zeemfundi.
.....................................................................

4.1 Xela isafobe esisetyenziswe yimbongi kumqolo woku-1. (1)

4.2 Chaza isixhobo sakwaNtu esiphathwa yimbongi yomthonyama xa ibonga, kwisitanza sokuqala. (1)

4.3 Nika intsingiselo yomqolo we-16. (1)

4.4 Sixhobo sini sohlalutyo esivela kumqolo wama-20 nowama-22? (1)

4.5 Thelekisa isitanza soku-1 nesesi-2 ngokwesakhiwo. (2)

4.6 Uvakala unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.7 Mfundiso ni edluliswa yimbongi kwesi sicatshulwa sombongo? (2)
**[10]**

**KUNYE**

**IMIBONGO ONGAFUNDISWANGA**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INYANISO – PN Mtintsilana**

Ngumathunga kwabanyembezi;
Ngumakhi wesizwe.
Ogcin'izizwe zibambene,
Ogcin'izihlobo zibukana.
Onayo unomkhokha.

Ngumkhumezelo phezu kohlaza.
Ngamathontsi phezu kotyani.
Onayo makayinxibe nenceba;
Onayo makasiph'ubuncwane;
Siphuphum'isizwe luthando.

Inkohlamntu nenkohla
Onayo ukwanomzondo
Kwiinkundla zokuzathuza
Iqashiso liwa mva kuye,
Kuba kaloku ngudiz'amahlebo.

Inkohlamntu nenkohla
Onguye Uyamphakamisa;
Kubabandezeli uyamxhasa;
Avelele njengentab'eZiyoni;
Kub'uyidayiman'eluthulini.

5.1 Xela isafobe esisetyenziswe yimbongi kumqolo wesi-2. (1)

5.2 Cacisa okuqulethwe ngumqolo wesi-3 nowesi-4 ngenyaniso. (2)

5.3 Kubaluleke ngantoni ukusetyenziswa kwala magama

'Ngumkhumezelo ... Ngamathontsi ...' ngokubhekiselele kwinyaniso kulo mbongo? (2)

5.4 Mfanekiso-ngqondweni mni otyhilwa yimbongi ngenyaniso kumqolo wesi-8? (1)

5.5 Igxininisa ntoni imbongi ngokuphindaphinda umqolo we-11 nowe-16? (1)

5.6 Sizathu sini esibangela ukuba kusetyenziswe oonobumba abakhulu kumagama akumqolo-17? (1)

5.7 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI, NONCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE**,** ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 11.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwiDrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340-390 amagama.

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISISINCOKO SONCWADI)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Hlalutya umxholo kwincwadi yenoveli ethi *Nyana Wam! Nyana Wam!*. **[25]**

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Waqina uMangaliso ebacenga esithi, 'Khanindilinge kuyo le ndawo, ndothi ukuba akulunganga ndibuye ndizibike kwakamsinya.' Kuthe xa kuphakathi engxoxweni ngalo mbandela, kungekho uzimisele ukunikezela, uMangaliso emile ngelokuba makathunyelwe kuyo, isifundisi sikhaba ngamanqin'omane sisala, kwavela la ngwevu yomfundisi ibikhe yadanduluka esidlangalaleni isithi; 'Akuyi lubuyayo apho mfo wam,' yathi, 'Uxolo maWesile amahle, kambe ngokuzenza umqobo phambi komfundisi lo efuna ukuya eGeorge Goch hleze kuthi kanti siphazamisana necebo likaThixo. Ndingomnye nje wabachase ukuba umfunfisi lo aye eGeorge Goch ndiphakamisa ukuba umntu kaThixo akhululwe ahambe aye kule ndawo, inkomo enotshobo ayinqandwa bazalwana.'

Ngaloo mazwi endod'enkulu waba uyakhululwa uMangaliso ukuba ayokuba ngumfundisi eGeorge Goch eza kujongana nombandela wokwakha nendlu yecawa. NgoLwesihlanu emva kokuba enyuliwe wenjenjeya nenkosikazi yakhe bephuma e-Albert Street besiya kuhlola loo lokishi wayeza kuqala kuyo umsebenzi wakhe bekhwele kuNyawozevangeli.

Bafika bashiya imoto esangweni bee chu kancinci basihla benyuka nezitalato zelokishi bemana ukunqwala ngeentloko bebulisa ababehleli ezivarandeni. Kuye wonke umntu odlulayo kwakusala ukuba angakhe eme esondele esi sibini. Ude ubeve abanye bethethela phantsi bebuzana besithi, 'Ngowaphi na lo mfundisi ufaneleke kangaka?'

7.1 Xela indawo nabantu ababekule ntlanganiso ngokwesicatshulwa. (2)

7.2 Sizathu sini esingunobangela wokuba kubekho le ntlanganiso? (2)

7.3 Isivezela ntoni ngoMangaliso into yokuba ade acenge xa efuna ukuya eGeorge Goch? (2)

7.4 Yintoni le yayidala impixano kwesi sicatshulwa? Cacisa. (2)

7.5 Phuhlisa isigqebelo kwintetho ethi, 'inkomo enotshobo ayinqandwa' ngokwathi kwaqhubeka encwadini emva koku. (2)

7.6 Wenza ntoni uMangaliso ukulobela abantu abaninzi baseGeorge Goch ecaweni? (2)

7.7 Ingaba isihloko sencwadi esithi, *'Nyana Wam! Nyana Wam!* Siyahambelana nomxholo wale ncwadi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

Ngentsasa yoMvulo wavuka ekuseni uMangaliso wamhlamba uyise, wamcheba inkqayi, wamtsheva. Kwathi kuvulwa ezivenkileni ezithengisa iimpahla babe sebengxange emnyango. Wamqala esihlangwini waya kumphosa emnqwazini ukumthengela. Bathi befika abantu abazokumbona waye umfo selesisicicibala sexhego ingasenguye lowa Madala kaMatshayela wenkomponi iinwele zilidladla neendevu ngathi liqina lesikhova, zingakhathalelwe. Bafika ngokufika abantu kuba bathi bakuziva ezi ndada yangulowo wanqwenela ukuza kumbona lo mfo usizalo sihle kangaka. Njengoko babemana ukutsho futhi xa bencoma ukulunga nokululama kukaMangaliso besithi, 'Sinqwenela ukukhe sibone abazali balo mntwana.' **Unoyolo umzali osizalo sincomekayo.**

Yaphela loo veki kuphithizela ecaweni abantu besuka kwiindawo ngeendawo kwelo laseGoli, bonke bebunyathela ububele kweso sithathu kuba nomolokazana waye kwayindlezana benga bazalwa ngumntu omnye noMangaliso ngokululama nokuthanda abantu. Laye ixhego elinguyise lingadinwa okwalo ngumntu, liphuma into ngomlomo, umfo enamabali amaninzi, kodwa kuwo onke amabali akhe alikho elalinomdla njengokuzalwa kukaMangaliso ukuza kuthi ga ekulahlekeni kwakhe, ethembela kuThixo wamagqoboka ngelithi akangekhe afe engambonanga unyana wakhe-Kongaziwayo uThixo. Koko kuphithizela kwabantu ngenye imini kwangena mfana uthile. Esangena lawamilisela kuye amehlo ixhego kucaca ukuba linombuzo noxa lingade libuze. Lo mfana ngomye wababafana ababesandula kuguquka kuzo ezi mvuselelo zazimana ukwenziwa nguMangaliso apha eGoerge Goch. Sikhe sathetha ngaye sisithi wayesebenza eRose Deep kwaMaboya, ikhaya lakhe lokuzalwa lalikuCentane.

7.8 Kutheni uMangaliso noyise bevukela kangaka evenkileni? (1)

7.9 Wadibana njani uMangaliso noyise uMkwayi emva kokuba babohlukene ixesha elide? (2)

7.10 Tolika amagama abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

7.11 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesicatshulwa? (1)

7.12 Sizathu sini esibangela ukuba uMkwayi awamilisele kumfana awangena emnyango amehlo akhe? (2)

7.13 Xela igama lomfana awayemilisele kuye amehlo uMkwayi. (1)

7.14 Ngqina ngeengongoma ezimbini ukuba eli bali liphela njengesiyolisi. (2)
**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Hlalutya umxholo kwincwadi yenoveli ethi *uKhozi olumaphiko.* **[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

Phofu ndikwazi ungekavuli mlomo ukuba usesikhulu isibhanxa, esi sitya ubulongo. Yintoni ongayenza ungenamali? Ulihlwempu. Ufuna ukufa ulihlwempu? Uyihlo ulihlwempu, into aqhayisela ngayo zeziya nkomo zimbini zigula sisifo sephepha, **ukufundise ngokungqiba. Nawe ufuna ukuphila ubomi bokungqiba**. 'Kutheni le nto usisidenge kangaka, wakugqiba ukufunda Kafile?'
Iindlebe zam kwakungasekho nto ziyiphulaphuleyo ngoku zigcwele umoya. Ndaziva sendithe, 'ukuba nifuna ukundibulala nixelise laa mfo nimbulele phezolo, yenzani njalo. Le niyithethayo yona into, yilibaleni, soze.'

'Ucinga oku kooKafile kanye mfo wam, usisitunxa. Akuziboni ezinye iiBhantu ezingooMthunzima nooNkebe, ziziinkokeli ngoku, zinemali, ziphethe, akufuni ukufana nazo? 'Ndathula ndavala phezulu, basuka bahleka abafo basemzini ngokungathi akwenzekanga nto. Ndithe ndisavuthelene imixhadana le okwerhamba ngumsindo, zathi gwiqi ezi zinto zabuya nocango, ndeva xa enye isithi kwenye: 'Ngowethu lo, musa ukuzihlupha nokuzihlupha oku,' kwalandela intsini eyayikhatshwa kukubihlizela kweembukuxa zesisu.

Ndagqushalaza ngumsindo, ndisenziwa ubukhulu becala kukubona indlela eyayisenziwa ncinane ngayo ingqondo yam ngaba bafo. Emva kwethuba wehla umsindo, ndatsho ndaqaphela ukuba litshonile ilanga, kwathi qatha nento yokuba andikhange ndise nto emlonyeni okokoko. Athi kanti amathumbu ndiwakhumbuzile, akrwela ukuvuma ingoma yephango. Ndithe ndakungawahoyi aphinda agcwaliswa ngumoya. Phofu ke ukutya oku ibingeyonto bendiyixabisile kakade, kangangento yokuba bendiye ngamanye amaxesha ndingxoliselwe ukuwaphosa amaxesha okutya.

9.1 Liqhubeka kweyiphi indawo ibali ngokwesicatshulwa? (1)

9.2 Yintoni le babengavumelani ngayo uMfazwe namapolisa? (1)

9.3 Sizathu sini esasibangela ukuba uMfazwe angavumelani namapolisa. (1)

9.4 Chaza ngobomi bendawo awayekuyo uMfazwe ngokwesicatshulwa? (2)

9.5 Tolika amagama abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

9.6 Ikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali incwadi ngokwesi sicatshulwa? (1)

9.7 Zibe nafuthe lini iindaba zokubulawa ngamapolisa komfo athetha ngaye uMfazwe kuQaka? (2)

9.8 Luthini uluvo lwakho ngobomi obabuphilwa ngooMthunzima nooNkebe? (2)

9.9 Ndima ni edlalwe ngumfundisi uHlathi ekusindiseni uMfazwe ekubanjweni emva kokufika kwakhe enqongo ligazi ezinyaweni? (2)

9.10 Siganeko sini esaba ngunobangela wokuqala kodushe eFunda? (2)

**ISICATSHULWA B**

Kungekudala, gangqa wangena sele phethe ubisi olushushu ngezityana ezilungiselwe lona. Udano lwam, uye phi kaloku ngoku uNcumisa? Ndithe ndigqiba ukutya wabe uMzolisi sele ziqokelela ezo zitya ephuma nazo. Uthe quu nje wabuya, ndingekaginyi nomvungulo wokuqala. Ubuye waza kuma, phambi kwam, ndathi ndakumjonga, wasuka wabukekelisa ubuso bakhe, wabuzisa ngecala, wathetha oku komntu ongabhekisi mntwini.

'Ingxelo endiyifumana kolu cingo ngoMfundisi uHlathi ithi abazali bakho bobabini, banyamalele, kukholelwa ukuba babanjiwe, kutsho uSiqithi, nabakhe abazali umkhondo awaziwa. Yena ufike ukuvela kuloo ndawo angayixelanga kuMfundisi kukhala ibhungane eSihlahleni, izinja zidutyulwe zafa zonke.' Ithathe ixesha ingqondo yam ukuyinqakula into ethethwa nguMzolisi kangangento yokuba ndimbuze seletshilo ukuthi kugqitywe ukuba mandihambe ngaloo mva kwemini, ukuba yinto eyenzeke nini na le ayithethayo.

'Akatshongo ukuba yenzeke nini na uMfundisi, kodwa inokuba zizinto zanamhlanje ekuseni okanye ngale ntsasa yanamhlanje.'

'NguFriday wonke lo. Ukuba kukhe kwenzeka into phaya kumama notata, uya kuyazi into edliwa ligqirha.'
'Yeka ukusongela ngathi ulibhinqa mfondini. Into ebalulekileyo yeyokuba kususwe eli tyholo bazimele ngalo ooFriday nazo zonke ezinye iimpuku namaqaqa afana naye.'

Endaweni yokuba ndibe madolwanzima zezi ndaba, ndasuka ndaba nomsindo kanomfuthwana, ndazivula ndizivala izandla, ndibawela ukukhe ndikhonye kabini kathathu ndixele inkwenkwe efuna umngeni.

9.11 Ngubani lo ungena ephethe izitya ezinobisi olushushu kwesi sicatshulwa? (1)

9.12 Sizathu sini esibangele ukuba uMfazwe abe seMhlabiso? (1)

9.13 Kumncede njani uMfazwe ukudibana kwakhe noMzolisi? (2)

9.14 Kutheni uMfazwe etyhola uFriday ngokunyamalala kwabazali bakhe? (2)

9.15 Uloluphi udidi lomlinganiswa uMzolisi? (1)

9.16 Ngqina ukuba uNdlela noNtsipho babaneganelelo kudushe olwalugqubа kwilokishi yakwaQaka. (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Nabanye**

Hlalutya la maqhalo nezaci phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Intaka evuka mva idliwa zizagweba.
- Ukutyebela ngaphakathi uxele indlazi.
- Ukubambisa isisila sehobe.
- Iingcungcu ezimilomo mide.
- Ukuba yimbulu.

- Imvelaphi yeqhalo
- Intsingiselo yeqhalo
- Imisebenzi yamaqhalo nezaci **[25]**

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### *UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Nabanye

Funda le ntsomi ingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Kwahlala kwahlala kwayintsomi. Kwiminyaka ngeminyaka eyadlulayo ngopewula, izilwanyana zadibana entlanganisweni zibizwe nguMdali wazo. Kule ntlanganiso zaziza kuzikhethela imibala. Khumbula ukuba zazikade zingenayo imibala. Zafika kwaMdali zayalelwa ukuba zakhe isangqa esikhulu. Zaxelelwa ukuba mazicingisise, zikhethe imibala eza kuzifanela ngonaphakade kanaphakade kuba zisakuba ziyifakelwe azisayi kuze ziphinde ziyijike, nezizukulwana ziya kuzalwa sezinayo.

Zayalwa zibonisWa ukuba kubi kokukhetha umbala ongasayi kuze wamkeleke kwizizukulwana ezizayo. Zaboniswa indlela eziya kugxekwa ngayo zingahlonitshwa ngabantwana ngenxa yobuchule bokukhetha obuhesheheshe. Yabekwa imibala ngemibala phakathi kwesi sangqa zazisakhile. uMdali wamana ukuzibonisa umbala ngamnye awuchaze ukuba umele ntoni na. Wayexela nesizathu esibangela ukuba umbala othile uthandeke okanye ungathandeki, acebise apho kufuneka acebise khona. Wawubeka umbala omhlophe ewuchazile ukuba apho ukhoyo kuyakhanya ebomini, izinto zikuhambele kakuhle, umele ithamsanqa. Wehla nayo yonke imibala eyichaza waya kuphuma ekugqibeleni. Yonke le mibala yayineziphene zayo kodwa zazixolisa izilwanyana ngelithi **akukho nzwana ingenasiphako**.

Isilwanyana ngasinye esikhethayo sasixelela wonke ubani umbala esiza kuwukhetha sixele nesizathu. Kwakuye kuqhwatywe izandla kuyeyezelwe andule ngoku uMdali ukufakela umbala othandwe sisilwanyana. Laphakama iqwarhashe lathi Mdali weZulu nomhlaba, Sonini- nanini, nani nonke zinto zikaBawo ezilapha kule ntlanganiso, kuluvuyo ukunixelela ukuba namhlanje, ngale mini inkulu kangakanana, ndizikhethela umbala omhlophe namnyama. Ndikhetha le mibala mibini ngendikhetha omhlophe qwaba, into ekunayo andilindele kuhle kodwa emhlabeni, ebomini bam. Bangandikhalala nabantwana bam xa ndikhetha omhlophe wodwa kuba baya kuthi xa kunzima bandibuze ukuba kutheni na ndikhethe omhlophe kanti kuya kuthi pam ngamanye amaxesha. Ndikhetha umbala omhlophe nomnyama kuba ndifuna kukhanye ebomini bam kodwa ke ndokwamkela nokubuhlungu okundehleleyo, enkosi.' Yacela ke ukuba xa ithiwa nyhibhe le mibala mayibe yimigca emhlophe namnyama. Wenjenjalo ke uMdali. Kwaqhwatywa izandla kwayeyezelwa, yenjenjeya ukuya kuthi vu phantsi intwenkulu yonwabile ingakholelwa ukuba iyenzeka into yokuba namhlanje yile nto, ungaba ngomso uzibone sowuyenye into.

..........................................................................................................................

Zada zaphela izilwanyana. Kwashiyeka uLovane yedwa. Wanyamezela uMdali walinda uLovane ukuba lude lukhethe kuba lwaluba ngabizwa luthi lusacinga. Lwacinga, lwacinga, lwacinga de lwathi, 'He-e-e! Kunzima kakhulu kum ukukhetha le mibala. Ndiyifuna yonke.' Waphendula ngelipholileyo uMdali wathi, 'Uze undixelele xa ude wawukhetha, ndakulinda ngomonde ude uze kum.'

Wayithatha le mibala wayibeka kuzo zonke izinto azidalileyo, emithini, kwiintyatyambo nezinye izinto azidalileyo, emithini, kwiintyatyambo nezinye izinto. Lwamana lujonga loo mibala uLovane, luthi lusakufika engceni lujike lube luhlaza, lufike kwingca eyomileyo lufane nayo, lusakufika kwiintyantyambo ezibomvu lube bomvu, njalo njalo.

Kude kube namhlanje, alukabi nazigqibo ulovane, lusakhangela umbala olufaneleyo, lusatshintsha ukuze lukwazi ukuziphepha iintshaba.

11.1 Nika indlela eqala ngayo le ntsomi. (1)

11.2 Ngubani lo ubize intlanganiso yezilwanyana? (1)

11.3 Sizathu sini esibangela ukuba kubizwe le ntlanganiso? (2)

11.4 Xela iingongoma EZIMBINI ezibonisa indlela oluzotywe ngayo ulovane kwesi sicatshulwa. (2)

11.5 Tolika le ntetho ibhalwe ngqindilili kule ntsomi? (2)

11.6 Kwakubaluleke ngantoni ngokwale ntsomi ukuba isilwanyana ngasinye sikhethe umbala waso? (2)

11.7 Phawula ngendlela elikhethe ngayo imibala iqwarhashe kule ntsomi? (2)

11.8 Mfundiso ni efumaneka kule ntsomi? (2)

**ISICATSHULWA B**

**NguRhulumente wethu lo!**

Vi-i-i-ityo-o-o!
Nqand'ezo nkomo kwedini sigoduke!
Nqand'ezo nkomo kwedini limkil' ílanga
Nqand'ezo nkomo kwedini sizokuzisenga
Nqand'ezo nkomo kwedini kukud'ekhaya
Le inco yona ililelwa linkonyan'ekhaya
Le irhwexu yona kosa seyibek'elayo inkonyana
Ezi zilunga zona zozalis'amathunga
Ndatsho ndalamba ndilambel'umthub'ontubululu
Ndatsho ndalamba ndilambel'umvub'omphokoqo
Ndatsho ndalamba ndilambel'umvub'omphothulo
Ngurhulumente wethu ke lowo!
......................................................................
Vi-i-i-ityo-o-o!
Iinkomo zaseQunu zizale iinkomo zoMzantsi Afrika
Kuba loo malusi wazo waluse noMzantsi Afrika
Wath'akubona ukuba uyeyela warhiwula kwema ngaye
Wathi 'Iyaph'ezantsi, iya kubuya nabani?'
Wahle walubón'ulutsha ukuba luya kuba luncedo
Wathi makususwe idyokhwe yobukhoboka emntwini

Wamis'umkhonto wesizwe waluqilima
Wabanjwa umntu apho, wabulawa umntu apho!
Tyhini! Bafa kakubi abantu **njengempukane**.
Uneenkan'umXhosa, unomqolo umXhosa ndimncamile
NguRhulumente wethu ke lowo!
........................................................
Vi-i-i-ityo-o-o!
Ebeqale ayintoni na amashumi eminyaka ke jele,
Kumawakawaka eminyaka engcinezelo?
Nditsho kuwe mlisela nomthinjana woMzantsi-Afrika
Nditsho kuni ziphatha-mandla zeli lizwe
Kudala ndinifundis'indlela yokuphath'isizwe
Into ileli kuni ngoku, mna andinatyala ndinikhulule.
Yhini na ukuba nibonakale neentsana zoMzantsi-Afrika uphela?
Ndiyisusil'ingcinezelo nocalucalulo lomnt' omnyama komnyama
Yekan'ukucinezelana nodwa, nodwa, nodwa!
Yhini na ukuba ningazigqogqi ezi ndletyana zenu?
Nindive nindiphulaphule xa ndisithi ke,
'Even if I die, I will wake up from my grave and come and vote'
NguRhulumente wethu ke lowo!
Mandisithe-e-e-le

11.9 Iyicela njani inzolo imbongi kulo mhobe? (1)

11.10 Sixhobo sini sohlalutyo esisetyenziswe ngumbhali ekupheleni komqolo wesi-3 nowesi-4? (1)

11.11 Siphuhlisa ntoni isafobe esibhalwe ngqindilili kumqolo wama-22. (2)

11.12 Ukuqaqamba kokusetyenziswa kwezafobe kulo mhobe kuveza oluphi udidi lwesihobe. (1)

11.13 Ngubani lo kubongwa ngaye apha kwesi sibongo? (1)

11.14 Yintoni injongo yokusetyenziswa kophindaphindo kumqolo wama-34? (2)

11.15 Ithetha ukuthini imbongi kumqolo wama-39? (1)

11.16 Cacisa umxholo wesi sibongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 12 ukuya kumbuzo 15.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

### UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Xoxa ngempixano kwincwadi ethi, *Amaza*. **[25]**

### UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zencwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

| | |
|---|---|
| LIZO: | *(Bengqengqa kunye ebhedini)*<br>Ndivonywavonywa ziingcinga.<br>Awu! Yatofotofo ibhedi yesitamtamana sikaSidima! |
| NAMHLA: | *(Etsaleka)* Uphi undofa wakho? |
| LIZO: | Undofa wam nguwe. |
| NAMHLA: | Kanti uZodwa Zazile yintoni? |
| LIZO: | Yinkosikazi yamaQwathi, akayiyo eyam. |
| NAMHLA: | Asazi, siza kubona. |
| LIZO: | Khawundenzele iti wethu. Lasoloko lindenzela inyongo ela phixi ndihlala nalo. |

| | |
|---|---|
| NAMHLA: | Ungathini xa efika apha uZodwa? |
| LIZO: | Angafumana olu swazi andikatsa ngalo. |
| NAMHLA: | *(Ephakama esiya kwenza iti)* Oluphi ngoku uswazi? |
| LIZO: | Kukho ikhatshakhowa elizenza mna xa ndiseBhayi. |
| NAMHLA: | MaBhele! Akukho nto injalo! Uyawa udlokoviswa yinkunzi yobukhwele. Ngcwaba iingcwangu ezi. |
| LIZO: | Injalo loo nto, Nozici! NdingeloMpondomise nje! |
| NAMHLA: | Ngubani loo ndoda? |
| LIZO: | Yenye yala maxwakuxwaku avela eSoweto. |
| NAMHLA: | IRhawuti! |
| LIZO: | Iza kuphela imizi yethu yile mithuqwasi. |
| NAMHLA: | Ngaba bafana bedompasi? |
| LIZO: | Ngabo kanye. |
| NAMHLA: | Kutheni ungabonakalisi kuhlupheka nje? |
| LIZO: | Ndivuyela ilishwa eliphethe ithamsanqa. |
| NAMHLA: | *(Esiza nento eselwayo)* Uyandithanda kodwa Lizo? |
| LIZO: | Sowusiza nalowo ukudlulayo. |
| NAMHLA: | Ngahle ubuyele kulo Zodwa umlahlayo. |
| LIZO: | Ubona ntoni? |
| NAMHLA: | Sakugqitha isiphango sengxabano kulandela isikhukhula sothando. |
| LIZO: | Nakanye kuthi apha. |
| NAMHLA: | Utsho na? |
| LIZO: | Endaweni yokuthotha, uya ukhula umsinga wentiyo. |
| NAMHLA: | Kanti ngahle nibuye nivane. |
| LIZO: | Obona buthi bokubulala uthando lufe fi, fiyani, kukuflatyaza. |
| NAMHLA: | *(Ebuhlabeka ngala mazwi kaLizo)* Asazi apho ke. |

| | |
|---|---|
| LIZO: | Uyazi ukuba lo Sidima wayeza kutshata noZodwa? |
| NAMHLA: | *(Esothuka)* Izinto ziyafihlwa, izinto ziyasetyezwa! Andiyazi loo nto! Phofu waxakwa yintoni? |
| LIZO: | Yile ntwana yethu yokuqala, uXelisa. |
| NAMHLA: | Yiyo le nto akuthiye kangaka! |
| LIZO: | Kanye ke. |
| NAMHLA: | Kwathini ke phofu ukuze kungabikho nomingimingi olu? |

13.1 Bancokola bephi aba balinganiswa? (1)

13.2 Yintoni ebangela ukuba uNamhla akhathazeke xa kusithiwa usisitamtamana sikaSidima? (1)

13.3 Cacisa intetho kaLizo ethi, 'yinkosikazi yamaQwathi, akayiyo eyam'. (2)

13.4 Loluphi olu swazi athi uLizo ukatswa ngalo nguZodwa? (1)

13.5 Ludidi luni lwempixano oluphakathi kukaSidima noNamhla? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.6 Bonisa ngezinto EZIMBINI ukuba umtshato wesinyanzelo phakathi kukaSidima noNamhla ube ngunobangela wempalalo-gazi kulo mdlalo. (2)

13.7 Luthini uluvo lwakho malunga nokuthandana kwabantu abatshatileyo kule ncwadi? (2)

13.8 Phawula ngesenzo sikaNamhla sokungenisa uLizo kokwabo entangeni? (2)

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| NODABEPHI: | Kanti ngale mini yomngcwabo salala sidiniwe kukucikidwa. |
| VATHISWA: | Ngubani ngantoni? |
| NODABEPHI: | Ngabacuphi baseBhayi. |
| VATHISWA: | Kukrokrelwa ntoni? |
| NODABEPHI: | Ingathi uSidima ubulewe nguLizo. |
| VATHISWA: | Waza wayithetha intsomi emini! |
| NODABEPHI: | Akho loo marhe, ndiya kuhlebela. |

VATHISWA: Angachiphiza iinyembezi
Kanti nguye umbulali?

NODABEPHI: Bonke ooDyakalashe
bayazilililisa, bakubona ixhoba.

VATHISWA: Kusithiwa ngutsotsi waseRhawutini nje?

NODABEPHI: Abona tsotsi bayingozi
ngaba baphuma apha ezilalini.

VATHISWA: Yambi ke le nto uyithethayo.

NODABEPHI: Mna ayindothusi.

VATHISWA: Ingathini ukungakothusi?

NODABEPHI: Phulaphula apha wethu:
Ubhuti Lizo uxabene nenkosikazi yakhe
kwezi veki zintathu zidlulileyo.

VATHISWA: Kuxatyanwa ngantoni?

NODABEPHI: Ubhuti ufike nelizwi
elithi uXelisa asingowakhe,
esithi uXelisa ngumntwana kamfi lo,
abe mabini mathathu,

VATHISWA: Kuxatyanwa ngantoni?

NODABEPHI: Waphuma egxanya ngumsindo.
Uthe ebuya wabe
echole konke okwakhe umfazi waduka.

VATHISWA: Eduka nje baphi abantwana?

NODABEPHI: Ubashiyile,
umke nemali yonke kabhuti.

VATHISWA: Ibingakanani loo mali?

NODABEPHI: Umke nencwadi yebhanki.

VATHISWA: Kwenzeka ntoni ke?

NODABEPHI: Uthe uyamazi apho aye khona,
watsho esithi uza kuyilanda eyakhe imali.

VATHISWA: Akayanga kulanda umfazi uyokulanda imali?

| | |
|---|---|
| NODABEPHI: | Uthi xa esele,<br>umfazi wamaCirha nguZodwa,<br>inkosazana yamaQwathi nguNamhla. |
| VATHISWA: | Ibe akazange aphele phaya ekhaya. |
| NODABEPHI: | Into yabo ngundaba-mlonyeni. |
| VATHISWA: | Hayi amaxesha esikuwo! |
| NODABEPHI: | Uyazi Vathiswa? |
| VATHISWA: | Ewe? |
| NODABEPHI: | UNamhla wayenento yokwenza noDuma. |
| VATHISWA: | Yenzeka njani into enjalo? |
| NODABEPHI: | Uzithethelela, ngelithi<br>amawele ngumntu omnye. |
| VATHISWA: | Xa kunje ndididekile. |

13.9 Sesiphi isiganeko esenzekileyo esidala ukuba athi uNodabephi bacikidwe ngemibuzo? (1)

13.10 Sizathu sini esasibangela ukuba uLizo alile xa efunda ibhayibhile emngcwabeni 'kaSidima'? (2)

13.11 Kutheni kukrokreleka ukuba uSidima ubulewe ngutsotsi waseRhawutini? (2)

13.12 Bafana ngantoni uNodabephi noVathiswa kule ncwadi? Nika ibe NYE. (1)

13.13 Chaza iziganeko EZIBINI ezityhila ukuba uNamhla wayekhe wanento yokwenza noDuma kulo mdlalo. (2)

13.14 Bonisa isigqebelo esivezwa ligama likaSidima nezenzo zakhe kulo mdlalo? (2)

13.15 Ithini imfundiso esiyifumana ngomtshato kule ncwadi? (2)
**[25]**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Xoxa ngempixano kwincwadi ethi, *A-a-a! Jongumsobomvu!*. **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| MAQOMA: | He Jwarha, uthi siya kuze sibuyele nini kumagquba akowethu? Kaloku elona komkhulu lethu naliya kweziya ntaba zikaNojoli. Andinakuze ndonwabe ngokupheleleyo emphefumlweni abantu bam bekude namathambo ooyise. Sendifane nje ndaxoliswa zezi ntaba zikaNontongwana. |
| SOGA: | Hayi Mhlekazi, mus' ukuthetha into endiyicingayo. Yonke le ntsasa ingqondo yam ithe tyaba kwezo ntaba. Ndinomfanekiso wamaphece eenkabi zakowethu, zityebe zingamateke-teke, zigramza kuloo ngca yayiyincindi yobusi. Uthini ngamasimi? Sasingayazi imbalela, sitabhata apho singamakhwenkwe, kanye la aziintloko zeenyoka wona. Kwowu, hayi ilishwa lethu! |
| NXOKWANA: | Hayi Jwarha mfondini, mus' ukusivusela izilonda ezapholayo. Ndisalizonda nanamhla oku ithuba esaliphosayo ngalaa mhla sasihlaselwa ngala magxagxa. Ndiqinisekile nangoku ukuba oobawo baphazama ngokusinqanda xa sasifuna ukuya kuziphindezela singuloo mkhosi wamakhwenkwe. |
| NEKU: | Usawukhumbula na kodwa loo mhla Mntakwenda? Sasingamatsha-ntliziyo mfondini, kwaye nenkokeli le yethu, unyana kaNothonto wayevutha ngaloo mihla. Phofu ke kambe sasicaca nakuthathatha ukuba singoomaqandekana bokwenene. |

| | |
|---|---|
| MAQOMA: | Sasinokuthini ke madoda? Kaloku sasihloniphe ubukhosi. Ndiqinisekile ukuba ngesasohlwaywe kanobomi ngubawo nobawokazi uHintsa ukuba babenokuyiva loo nto. Kodwa ndikhe ndimqaphele ubawo ukuba iyamkhathaza into yokugxothwa kwaNojoli. Impilo yakhe andiyithandi, ikho le nto imncincithayo. |
| SOGA: | Utyaphe watsho mhlekazi. Nindibona ndilapha nje, ndiza kumela uMhlekazi, A! Lwaganda!, unqandwe sisiphakathi. Singxamele ukuphunguza ngoku ngenxa yaloo mpilo yakhe. Uyaphela oku kwenkomo enesiqonga. Ke, siwela ngazibuko linye sonke kwinto yokuba leya into ayiyodwa, kunjalonje kuza kunyanzeleka ukuba uyithathele unyawo ngokukhawuleza Mhlekazi. Amade ngawetyala. Kuthiwe ke phaya kowenu maze ndilumane indlebe nawe ngalo mcimbi. |

15.1 Bancokola bephi aba balinganiswa? (1)

15.2 Yintoni ebangela ukuba uMaqoma angonwabi ngokupheleleyo emphefumlweni? (1)

15.3 Tolika intetho kaSoga ethi, 'kanye la aziintloko zeenyoka wona'. (2)

15.4 Ngqina ukuba uNxokwana wayengekawaxoleli ncam amadlagusha ngokwesicatshulwa. (2)

15.5 Uzalana njani uMaqoma noHintsa? (1)

15.6 Sesiphi isiganeko esenzekileyo esidale ukuba uNgqika akhathazeke? (2)

15.7 Ulolophi udidi lomlinganiswa uMaqoma kule ncwadi? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.8 Luthini uluvo lombhali ngamaXhosa athile akholelwa emagqirheni? (2)

15.9 Nika izinto EZIMBINI eziveza ukuba lo mdlalo wawuqhubeka ezilalini ngokwesicatshulwa? (2)

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| MATSHAYA: | Mthembu, nawe Baw' uMngxongo, musani ukusixhalela. Asizi ngabubi konke konke. Siphuma kulaa mihlaba ilawulwa ngamaNgesi neenkosi zamaRharhabe. Sikhokelwa nguGqirha lo, indoda ebuncamileyo ubomi bayo ngenxa yokulwela amalungelo abantu abahlelelekileyo. NgumKrestu wenene lo. La ke wona amadoda uwabonayo (*Esalatha amajoni)* akhutshwe ukuze asikhusele kwizihange nakubabhunyuli beli lizwe njengoko thina kungafanelekile ukuba siphathe izikhali nokuphakamisa amakhwapha. Laa ndoda *(Esalatha uRufus)* uyibonayo ke yona ngumrhwebi. |
| QUKA: | Njengokuba wena ungafani nala madoda (*Esalatha aba bamhlophe)* ngebala nangentetho, uyinto kabani ke wena? |
| MATSHAYA: | NdinguMatshaya mna onkaba ikweziya ntaba zikaNojoli. Ubawo wayesakuba liphakathi likankosi uNgqika, waza ke wakhetha ukuya kubusa kunyana wakhe lo kuthiwa nguMaqoma. Njengokuba ndithetha nje sesime apha eNxuba nosapho lwakowethu, simi kumzi omkhulu apho nala madoda uwabonayo. Inkosi yethu inye apho, nguYesu Krestu. Asisazibusi ezi zasemhlabeni iinkosi ngezizathu oya kuziva ngoGqirha lo. (*Enikezela kuFiliphu*) |
| FILIPHU: | Uchaza kakuhle mzalwana uMatshaya. Ngenene thina asisahlali kwiindawo apho kukhonzwa omnye umntu ofana nenkosi, ngakumbi kule mihla apho uya kufumanisa into yokuba ezi nkosi zithanda kuphela izisulu zezisusa, azikwazi ukusebenza, ngamatyutyusi, amanqenerha ajonge ezi zibele zale mitshato. Ndivile nangoku ukuba le yalapha inkosi ayikho ngokuba kaloku ithanda indawo eza kuthi ifumane iwonga kuyo. |

15.10 Yeyiphi eyona njongo yokuba uMatshaya namadoda amhlophe babe kule ndawo ngokwebali? (1)

15.11 Sizathu sini esasibangela ukuba la madoda athi makangaxhalatyelwa? (2)

15.12 Wayedlala yiphi indima uQuka ngokwesicatshulwa? (1)

15.13 Tyhila ukuba ifuthe laseNtshona sele ligqobhozele kwintlalo yakwaNtu kwesi sicatshulwa. (2)

15.14 Zenzo zini ezibonisa ukuba kwakukho ukungavisisani phakathi kukaQuka nenkosi yakhe? (2)

15.15 Ithini imfundiso esiyifumana kule ncwadi? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**